

## Sharing the power

by Carole Bloch

**Reading should always be a great pleasure and never a chore – it doesn't matter whether you are a young reader or an older one, or how experienced you are.**

One of the best ways to discover the real power of reading, is to get lost in the drama of a story shared by a passionate teller or reader. Then you'll want more! Although it is a good thing to read on your own some of the time, we grow strong when we gather together with others to listen to a story. We feel at home in the company of others as we listen to the story together, but we are also free to experience what we hear in our own way.

## Zimnandi ngokwabelana

kubhala uCarole Bloch

**Bekufanele ukuba ukufunda ibe yinto esoloko isonwabeleka kakhulu, hayi nje ukunyamezela umvambo okanye umsetyenzana wekhaya owabelweyo – akukhathaliseki nokuba ungumfundi osemncinane okanye umdala, okanye unamava kangakanani na.**

Enye yezona ndlela ziphambili zokufumanisa amandla enene okufunda, kukutshona dzwabha kwizehlo zebali ekungalo, lijolwa ngumbalisi okanye umlesi olithandayo. Loo nto iyakukwenza ukhanuke nangakumbi! Nangona kuyinto elungileyo ukuzifundela ngokwakho ngamanye amaxesha, sithi siphuhle okanye somelele nangakumbi xa sidibene nabanye size kuphulaphula ibali. Siziva sisekhaya xa sihleli nabanye lo gama siphulaphule ibali sisonke, kodwa sithi kananjalo sikhululeke ukuba sizenzele awethu amava ngezethu iindlela ngoko sikuvayo.

Amabali amnandi asivumela ukuba sicinge ngezinto ezinkulu nesizikhathaleleyo ebomini: uthando nentiyo, ukulunga nobubi, ukungcatsha nentembo, ukunyoluka nokuncamela abanye onako, ubugorha nobugwala. Xa sabelana ngamava sikwaphonononga amabali amnandi sisonke, sihambisa umoya wothungelwano phakathi kwethu, kwakunye nabo bonke abaphambi kwethu nabakhe bawabalisa okanye bawaphulaphula amabali lawo, nokuba baphi na.

Ngoko ke, yintoni eyenza ibali eliyolisayo? Mhlawumbi ukufundela ngokuvakalayo omnye umntu lo mhlathi, kungakunceda ufumane impendulo yalo mbuzo: *Ingca yabuna yaza yajika yamdaka kukutsha. Imilambo nemithombo yoma qoko.*

Good stories allow us to think about the big things in life that we all care about: love and hate, good and evil, betrayal and loyalty, greed and sacrifice, bravery and cowardice. And as we experience and explore good stories together, we connect with each other, and to all the people, wherever they are, who have told or listened to those stories before us.

So, what makes a good story? Reading this passage aloud to someone, might help you to find the answer: *The grass shrivelled up and turned a pale grey. Rivers and pools dried up. All day long animals scurried around looking for food and finding nothing. Mr Tortoise was getting desperate. Every day he woke up to the sound of his wife and children crying ...*

Were your listeners wondering what on earth had happened to cause this sorry state of affairs and what was going to happen next? It's likely

they were, because they sensed that it could be them in Mr Tortoise's shoes! None of us wants to feel desperate, but we all know that a desperate moment may be waiting for us just around the corner. And whether we feel sad for Mrs Tortoise and her children because we have real experience of what it's like to be hungry, or because we have imagined the feeling, the storyteller has drawn us into the story to be the Tortoise family's witness.

As we share stories, together we get to explore and understand our own experiences and how they fit with the world around us. That's how we inspire one another and connect with others. And along the way, as if by magic, we also learn valuable literacy lessons.



*Mihla le, izilwanyana zehla zisenyuka zikhangela into esiwa phantsi kwempumlo, kodwa zazibuya nelize. Kwamxhalabisa oku uMnumzana Fudo. Umhla nezolo wavuswa sisankxwe sokulila komfazi nabantwana bakhe ...*

Ingaba abo bakumameleyo bayafuna ezingqondweni zabo ukuba kwenzeke ntoni na kanye ukuze kugqube le meko kwaye ingaba kuza kulandela ntoni na xa kunjé? Ewe, kumele ukuba njalo, kuba becinga ukuba nabo bangazifumanisa bekule meko kaMnumzana Fudo! Akukho namnye kuthi oyithandayo inkxalabo, kodwa sonke siyazi

ukuba ixesha likaxakeka lingasifikela nangawuphi na umzuzu. Kwaye nokuba siziva simsizela uNkosikazi Fudo kunye nabantwana bakhe kuba nathi sikhe safikelwa linxele likahetsekile, okanye kuba sizakhele umfanekiso-ntelekelelo wale mvakalelo, okusalayo umbalisi uphumelele ekusisaleleni kwibali ukuze sibe ngamangqina osapho lwakwaFudo.

Xa sisabelana ngamabali, sisonke sifumana ithuba lokuphonononga nokuqonda awethu amava kunye nendlela alungelelana ngayo nehlalathi elisingqongileyo. Leyo ke yindlela esivuselelana ngayo nesithi sithungelane ngayo nabanye. Kuthi ke kwakuloo ndlela, ngokungathi ngumlingo, sifunde nezifundo ezixabisekileyo zelifithesi.



Drive your imagination

Story Power.  
Bring it home.  
Wazise ekhaya amandla ebali.





# 100 editions of Nal'ibali!

This is the 100th edition of the only bilingual reading-for-enjoyment supplement in South Africa! So, to celebrate this, we thought we would tell you what goes on behind the scenes to get each supplement to you.

The process begins three months before the supplement appears in the newspaper! First, the supplement editor selects the stories and then writes and pulls together the rest of the material in the supplement. When this is finished, she sends it to be edited and then it is ready for translation into five languages.

But the work doesn't stop there – after it has been translated it needs to be edited in each of those five languages too! Once this is done, all the material for the supplement goes to the art director who decides where to put the text and pictures on each page so that the supplement looks attractive and is easy to read.

Next there is lots and lots of checking to make sure that there are no mistakes. Then finally, the supplement is sent off to be printed and inserted into the newspaper.

Now that we have bigger 16-page supplements, we go through this process 15 times each year!

# Ushicilelo lwe-100 lweentlelo zikaNal'ibali!

Olu lushicilelo lwe-100 lohlelo olungulwimi-mbini lokufundela ukuzonwabisa nekuphela kohlelo olulolu hlobo olupapashwa eMzantsi Afrika! Ngoko ke, ukubhiyozela ukufikelela kweli nqanaba, sicinge ukuba sikhe sikukrobise kokwenzeka ngaphaya komdiyadiya ukuze uhlelo ngalunye lukwazi ukufikelela kuwe.

Umsebenzi uqala kwiinyanga ezintathu ezingaphambi kokuba uhlelo olupapashwe kwiphephandaba! Okokuqala, umhleli wohlelo ukhetha amabali aza kusetyenziswa ze abhale okanye aqokelele, elungelelanisa onke amanye amacandelo ohlelo. Emva kokuba ekugqibile oku, uthumela uhlelo olo lubhalwe ngesiNgesi kumhleli wesiNgesi ukuze luhlelwe ze ke emva koko lulungele ukuguqulelwa kwezinye iilwimi ezintlanu olupapashwa ngazo uhlelo.

Kodwa ke akupheleli nje apho – emva kokuba kuguqulelwe kwezinye iilwimi, kufuneka kuhlelwe ezo lwimi zintlanu kwakhona! Emva kokuba oku kugqityiwe, konke okuza kuvela kuhlelo kuya kumlawuli wobugcisa nothi acebe ukuba uza kuyibeka phi na imifanekiso ze ayibeka phi na imibhalo kwiphepha ngalinye lohlelo ukuze uhlelo lubenomtsalane ze kubelula nokulufunda.

Okulandelayo kukukhangelisisa nokuphendlaphendla okuninzi ngeenjongo zokuqinisekisa ukuba akukho ziphene kuhlelo. Ekugqibeleni ke, uhlelo luthi luthunyelwe kumzi wokuprinta ukuze luprintwe luze ke lufakwe kwiphephandaba.

Kuba ke ngoku sinohlelo olukhulu noluqulatha amaphepha ali-16, le nkqubo siyilandela amaxesha ali-15 nyaka nonyaka!

## 100 editions of the Nal'ibali supplement

- ★ The supplements have been published in **5** different language editions.
- ★ In the **100** editions there have been:
  - ☉ **170** stories
  - ☉ **200** literacy activities for children
  - ☉ **262** information-sharing items for adults about literacy.
- ★ We have distributed **20 473 535** copies of the supplement!

## Iintlelo ezili-100 zakwaNal'ibali

- ★ Iintlelo zipapashwe ngeelwimi ezi-**5** ezohlukileyo nekushicilelwa ngazo.
- ★ Kwezi ntlelo zili-**100** zishicilelweyo kubekho:
  - ☉ amabali ali-**170**
  - ☉ imisetyenzana nemidlalwana yabantwana yelitheresi engama-**200**
  - ☉ amanqaku abantu abadala okwabelana ngolwazi malunga nelitheresi angama-**262**
- ★ Sisasaze iikopi ezizigidi ezingama-**20 473 535** zolu hlelo!

## Thoughts from the supplement team

We asked the people who work on the supplement for their thoughts on reading and on the usefulness of the supplement. Here is what they said.

"Reading expands your mind and heart, opening both to new possibilities over and over again. If we want young people to 'fly', they need to read, read, read."  
Arabella Koopman, Supplement editor

"Ukufunda kuvula ingqondo kunye nentliziyo yakho, zombini zivuleleka ukuba kungene naziphi na izinto ezintsha ezinokwenzeka, okokoko. Abantu abatsha kufuneka befunde, bafunda okokoko, ukuba thina bazali sifuna 'babhabhe'.  
ngu-Arabella Koopman, ongumhleli wohlelo

## Iingcinga zegela eliququzelela olu hlelo

Sibuze abantu abasebenza kolu hlelo ukuba bacinga ntoni na ngokufunda kunye noncedo olufumaneka kuhlelo olu. Naku abakuthethileyo.

"The supplement encourages children and adults to read and make memories whilst having fun. They encourage families to spend quality time together."  
Busisiwe Pakade, IsiZulu translator

"Uhlelo lukhuthaza abantwana kunye nabantu abadala ukuba bafunde kwaye baseke neenkumbulo lo gama bazonwabisayo. Ezi ntlelo zikhuthaza iintsapho ukuba zichithe ixesha lazo ezilixabisileyo zindawonye."  
nguBusisiwe Pakade, ongumququleli wesiZulu

"As a child, my father told me stories in Sesotho. I read aloud to my daughter when she was young and I still do! She loves books and we go to the library every Saturday. I like to read on the bus and in bed!"  
Hilda Mohale, Sesotho translator

"Ekukhuleni kwam, utata wam wayendibalise amabali ngeSesotho. Mna ke ndaza ndayifundela ngokuvakalayo intombi yam ngethuba isencinane, kwaye oku ndisakwenza nangoku! Uzithanda kakhulu iincwadi kwaye siya kwithala leencwadi rhoqo ngoMgqibelo. Ndikuthanda kakhulu ukufundela ebasini nasebhedini!"  
nguHilda Mohale, ongumququleli weSesotho



Drive your imagination





"Each part of the supplement is useful because the different parts complement each other."  
Matlakala Kganyago,  
Sepedi editor

"Inxalenye nganye yohlelo iluncedo kwaye ibalulekile kuba iyileyo ifezekisa okanye ixhasa enye."  
nguMatlakala Kganyago,  
ongumhleli weSepedi



"My favourite parts of the supplement are the stories and the Get story active! provide a wonderful opportunity to teach various life skills to children through stories."  
Anita van Zyl,  
Afrikaans translator

"Awona macandelo ndiwathanda kakhulu kuhlelo ngamabali kunye no-Yenza ibali linike umdla! Ndingca ukuba uhlelo lubonelela ngamathuba amangalisayo okufundisa izakhono zobomi ezohlukileyo ebantwaneni ngokusebenzisa amabali."  
ngu-Anita van Zyl, ongumguquleli we-Afrikaans



"Each and every part of the supplement is useful in its own way, but for me the stories are the heart of the supplement."  
Mpho Masipa,  
Sepedi translator

"Icandelo ngalinye lohlelo liluncedo ngendlela yalo eyahlukileyo nekhethekileyo, kodwa kum amabali ayintsika yohlelo."  
nguMpho Masipa,  
ongumguquleli we-Sepedi

"When I was little, my favourite book was The very hungry caterpillar by Eric Carle. My mom read the book to me so often that I could say the text on the next page before we even turned the page!"  
Ilse von Zeuner, English and Afrikaans editor



"Ekukhuleni kwam, eyona ncwadi ndandiyithanda kakhulu yayingu-The very hungry caterpillar ebhalwe ngu-Eric Carle. Umama wam wayendifundela le ncwadi kumatyeli amaninzi kangangokuba ndandikucengeleza okubhalwe kwiphepha elilandelayo naphambi kokuba sityhile kulo!"  
ngu-Ilse von Zeuner, ongumhleli wesiNgesi ne-Afrikaans

"As a child my mother told me folktales in my home language, isiZulu. (She did not know any other language.) Now, I enjoy reading novels by isiZulu author, Jabulani Matthew Mngadi. My office is the quietest place in the house to read!"  
Bhekinkosi Ntuli, IsiZulu editor



"Ebuntwaneni bam, umama wam wayendibalisele iintsomi ngolwimi lwam lweenkobe, olusisiZulu. (Lwalungekho olunye ulwimi alwaziyo.) Namhlanje, ndikonwabela kakhulu ukufunda iinovel ezibhalwe ngumbhali wesiZulu, uJabulani Matthew Mngadi. I-ofisi yam yeyona ndawo izolileyo endlwini endifundela kuyo!"  
nguBhekinkosi Ntuli, ongumhleli wesiZulu

"I owe my love of reading to my great granny, Elizabeth Sutton. She took the time to read to me every day in English while growing up. Such special moments."  
Lisa Borman,  
Art director



"Ngumakhulu wam, u-Elizabeth Sutton, owaphemba umlilo wothando lokufunda kum. Yonke imihla wayezinika ixesha lokundifundela ngesiNgesi ukukhula kwam. Yayingamaxesha abalulekileyo nakhethekileyo lawo ebomini bam."  
nguLisa Borman, onguMlawuli nguMsebenzi woBugcisa

"I actually use the tips and suggestions in the supplement in supporting my eight-year-old daughter's literacy journey. I read aloud to her ... it entertains us: she laughs when I mimic the sounds and then I laugh at her response!"  
Nobuntu Stengile,  
IsiXhosa translator



"Ndisebenzisa iingcebiso kunye neengcinga ezisezintlelweni ukuxhasa uhambo lokufunda nokubhala lwentombi yam eneminyaka esibhozo. Ndimfundela ngokuvakalayo ... kwaye oko kuyasonwabisa: uyahleka xa ndilinganisa izandi ezisebalini ndize nam ndihleke xa ndibona indlela ahleka ngayo!"  
nguNobuntu Stengile, ongumguquleli wesiXhosa

"My brother, who was four years older than me, used to tell me stories when we were children. Then, in the veld while we were herding cattle, the boys who were my age and older used to tell stories. I also used to take a book with me when I had to look after my father's cattle while they grazed. Now, I like to read anything with humour in it. I read mostly in my office or at the library."  
Nkululeko Ndiki, African languages co-ordinator and isiXhosa editor

"Umkhuluwa wam, owayengaphezulu kum ngeminyaka emine, wayedla ngokundibalisele amabali neentsomi ekukhuleni kwethu. Edlelweni, xa saluse iinkomo, amakhwenkwe angangam nangaphezulu kum ayedla ngokubalisa amabali neentsomi nawo. Ngamanye amaxesha ndandidla ngokuphatha incwadi xa ndaluse iinkomo zikatata. Ngoku, ndithanda ukufunda nantoni na ehlekisayo. Ubukhulu becala ndifundela e-ofisini yam nakwithala leencwadi."  
nguNkululeko Ndiki, ongumlungelani si weelwimi zesiNtu nomhleli wesiXhosa



"My favourite book as a child was Oliver Twist by Charles Dickens. My mother always told me stories in Sesotho. As an adult I like to read motivational books."  
Pulane Mahlasela, Sesotho editor

"Eyona ncwadi ndandiyithanda ebuntwaneni bam ngu-Oliver Twist obhalwe nguCharles Dickens. Umama wam wayesoloko endibalisele amabali ngeSesotho. Njengomntu omdala, ndithanda ukufunda iincwadi zenkuthazo."  
nguPulane Mahlasela, ongumhleli weSesotho



## Thank you!

Thank you to all the publishers who have allowed us to use their children's books in the Nal'ibali supplement over the last 100 editions! We couldn't have brought so much reading pleasure to children and their families across South Africa without you!



We publish with you

Copyright

## Maz'enethole!

Sibulela yonke imizi yopapasho-zincwadi esivumele ukuba sisebenzise iincwadi zayo zabantwana kushicilelo lweNal'ibali kwezi ntlobo zili-100 sele zipapashiwe! Ngaphandle kwenu besingasayi kuze sikwazi ukuzisa ubuncwane obungaka bokufunda ebantwaneni nakwiintsapho zabo kweli loMzantsi Afrika!



Drive your imagination





## Get story active!

Here are some ideas for using the stories in this supplement. Choose the ones that best suit your children's ages and interests.

### Thank you, Jackson

This story, about an old donkey and his owners, shows the importance of courtesy and kindness towards all living things. It also shows that even though children are young, they can make big differences in the lives of those around them. Children from 3 years old are likely to enjoy the story. As you read it together, talk about some of these things.

- ★ **Page 4:** I wonder why Jackson stopped. Why do you think he has stopped?
- ★ **Page 5:** Do you think the farmer should be pulling Jackson? Why or why not? What could you have said to the farmer to get him to behave differently?
- ★ **Page 7:** How do you think Jackson felt? Was he right to stay sitting down? What do you think the farmer will do if Jackson doesn't stand up? Do you think this is the right thing to do?
- ★ **Page 11:** What do you think Goodwill whispered in Jackson's ear?
- ★ **Pages 14 and 15:** What lesson/s do you think the farmer has learnt?



### Enkosi, Jackson


Eli bali, elimalunga nedonki nabaniniyo, libonakalisa ukubaluleka kwembeko kunye nobubele kuzo zonke izinto eziphilayo. Kananjalo likwabonisa ukuba nangona abantwana bebancinane, bangenza umahluko omkhulu kubomi babantu ababangqongileyo. Abantwana abaneminyaka esukela kwemithathu bangalonwabela eli bali. Lo gama nilifunda nikunye, ncokolani ngezinye zezi zinto.

- ★ **Iphepha le-4:** Iyandimangalisa into yokuba uJackson asuke ame nje esithubeni. Ucinga ukuba kwakutheni ukuze asuke nje ame?
- ★ **Iphepha le-5:** Ucinga ukuba umfama wenza into elungileyo ngokumtsala uJackson? Kutheni ucinga ukuba yayiyinto elungileyo leyo okanye ucinga ukuba yayiyinto engalunganga? Ngowawumxelele ntoni umfama ukumenza aguqule indlela aziphethe ngayo?
- ★ **Iphepha le-7:** Ucinga ukuba uJackson wayeziva njani? Ingaba wenza okulungileyo ngokuhlala phantsi? Ucinga ukuba uza kwenza ntoni umfama ukuba uJackson akaphakami? Ucinga ukuba loo nto yinto elungileyo ekufaneleke ukuba ayenze?
- ★ **Iphepha le-11:** Ucinga ukuba uLungile wasebeza wathini endlebeni kaJackson?
- ★ **Iphepha le-14 nele-15:** Sifundo sini ocinga ukuba umfama wasifunda?

### Sindiwe and the fireflies

This is a picture book about the life of South African author and storyteller, Sindiwe Magona. It is best suited to children aged 6 and up.

- ★ When you have finished reading the story together, ask your children what questions they would like to ask Sindiwe Magona if they were to meet her.
- ★ Suggest that they role-play a television interview with Sindiwe. Let them take turns being the interviewer and Sindiwe.
- ★ Encourage your children to find out more about Sindiwe Magona on the Internet or at the library. Then try reading one of her books that you have not read before. Sindiwe writes for children and adults so there is something for everyone!
- ★ Using the maps in an atlas, together with your children find the place where Sindiwe was born, where she went to university and where she lived when she came back to South Africa.



### USindiwe kunye neenkanyezi

Le yincwadi yemifanekiso malunga nobomi bombhali waseMzantsi Afrika kunye nombalisi-mabali, uSindiwe Magona. Ilungele ikakhulu abantwana abaneminyaka esukela kwemi-6 ukunyuka.

- ★ Xa nigqibile ukufunda ibali nikunye, buza abantwana bakho ukuba ithini na imibuzo abanganqwenela ukuyibuza uSindiwe Magona xa bebenokuhlangana naye.
- ★ Cebisa ukuba benze umdlalo wokungathi babambe udlwanondlebe lukamabonwakude kunye noSindiwe. Mabamane benikana amathuba ngokuthi omnye ngumbuzi-mibuzo omnye abe ngumphenduli-mibuzo onguSindiwe, baphinde batshintshane.
- ★ Khuthaza abantwana bakho ukuba bakhangele ezinye iinkcukacha ngoSindiwe Magona kwi-intanethi okanye kwithala leencwadi. Emva koko ke zama ukufunda enye yeencwadi zakhe ongazange wayifunda ngaphambili. USindiwe ubhalela abantwana nabantu abadala ngoko ke umntu wonke unento angayifumanayo!
- ★ Sebenzisani iimephu ezikwi-atlasi nikunye nabantwana bakho, nifune indawo awazalelwa kuyo uSindiwe, idyunivesithi awafunda kuyo kunye nalapho wahlala khona ukubuyela kwakhe eMzantsi Afrika.

### A bowl of phutu

This is a traditional Chinese story about the importance of kindness, which has been retold in a South African setting. Enjoy reading it aloud or retelling it, then discuss some of these questions with your children.

- ★ Why do you think the woman helped Molahlehi when he was a boy?
- ★ Should she have expected to be paid back for feeding him? Why or why not?
- ★ Do you think the people were right to choose Molahlehi to be their king? Why or why not?





### Isitya somphokoqo

Eli libali lemveli laseChina elimalunga nokubaluleka kobubele, nelibaliswa kwakhona kwisimo sentlalo saseMzantsi Afrika. Yonwabela ukulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise kwakhona, nize emva koko nixoxe ngeminye yale mibuzo nabantwana bakho.

- ★ Ucinga ukuba kwakutheni ukuze umfazi amncede uMolahlehi ngethuba eseyinkwenkwe?
- ★ Ingaba kwakumele ukuba alindele intlawulo ngokumondla? Kutheni ucinga ukuba kwakumele ukuba ahlawulwe okanye kwakumele angahlawulwa?
- ★ Ucinga ukuba abantu benza into elungileyo ngokukhetha uMolahlehi ukuba abe ngukumkani wabo? Kutheni ucinga ukuba benza into elungileyo okanye kutheni ucinga ukuba benza into engalunganga?

### Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - a) Fold each sheet in half along the black dotted line.
  - b) Fold it in half again along the green dotted line.
  - c) Cut along the red dotted lines.



### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha le-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-5, ele-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-7, ele-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza iincwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - a) Songa iphepha phakathi uhamba ngomgca wamachaphaza amnyama.
  - b) Phinda ulisonge phakathi kwakhona ulandela umgca oluhlaza.
  - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.

“Zisibhozo ... zisithoba ...” umfana waqhubeka njalo nokubala. Kodwa njengoko iidonki zingakwazi ukubala, akuzange kubenantsingiselo oko kujackson. Ekufikeni kwakhe kwishumi, umfana waphakamisa intonga yakhe. Waye sele elungele ukubetha le donki ngethuba unyana wakhe emkhwaza esithi, “Tatali Nceda musa ukumbetha uJackson!”



“Eight ... nine ...” the farmer continued to count. But as donkeys cannot count, it meant little to Jackson. On the count of ten, the farmer raised his stick. He was about to strike when his little boy called out, “Father! Please don’t hit Jackson!”

Ezantsi phaya, uBuhle, inkosikazi yomfama, wayekubone konke okuqhubeka endlini. Wabiza unyana wakhe, uLungile. “Nceda wethu,” watsho, “hamba uye kunceda utata wakho ngalaa donki?” “Kulungile, Mama,” kwaphendula uLungile. “Enkosi, nyana,” watsho unina. Kwangoko inkwenkwana leyo yanduluka, yenyuka induli.



Down below, Beauty, the farmer’s wife, had seen all that was happening on the hill. She called her son, Goodwill. “Please,” she said, “will you go and help your father with the donkey?” “Yes, Mama,” replied Goodwill. “Thank you, son,” said his mama. At once the little boy set off up the hill.



**We publish what we like**


This is an adapted version of *Thank you, Jackson*, published by Jacana Media and available in bookstores and online from [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). This story is available in English, Afrikaans, isiXhosa and isiZulu. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Enkosi, Jackson*, elishicilelwe yi-Jacana Media nelifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-on-line ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). Eli bali lifumaneka ngesiNgesi, nge-Afrikaans, ngesiXhosa nangesiZulu. I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

© Jacana Media (South African rights only) Tel: 011 628 3200

**F** FRANCES LINCOLN  
CHILDREN’S BOOKS

Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children’s potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)




UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



**Drive your  
imagination**

## Thank you, Jackson Enkosi, Jackson



*Niki Daly  
Jude Daly*



Once there was a farmer who had a wife called Beauty, a son called Goodwill and an old donkey called Jackson.

Every market morning, the farmer would load potatoes, carrots, mealies and pumpkins onto his old donkey's strong back and take him up the hill to the market. And up the hill Jackson would go, without complaint or rest.



Emva phaya efama, uBuhle wayesele ebalungiselele isidlo sangokuhlwa esibalindileyo. “Kodwa kuqala,” watsho umfana, “ndinento endifuna ukuyithetha kuJackson.” Waya kwixhego lakhe ledonki, waliphulula ngononophelo, waza walisebezela endlebeni wathi, “Enkosi, Jackson.”

“I’ll count to ten, and if you are not standing up, I’ll give you a taste of this!” scolded the farmer, showing Jackson what a big stick he had found. Then he began to count ... “One ... two ... three ... four ... five ... six ... seven ...”

“Ndiza kubala ukuya kuma kwishumi, kwaye ke ukuba awuphakamanga de ndikufike kwishumi, ndiza kukungcamlisa oku!” wangxola esitsho umfama, ebonisa uJackson intonga enkulu ayifumeneyo. Watsho ke egqalisa ukubala ... “Inye ... zimbindi ... zintathu ... zine ... zindanu ... zintandathu ... zisixhenxe ...”

The old donkey was happy to see Goodwill. Slowly, the farmer lowered his stick and watched as Goodwill went up to Jackson and whispered something in his ear. Immediately the old donkey rose to his feet. The farmer was amazed. “What did you say to get this stubborn animal off his lazy behind?” he asked. “Mama says,” explained Goodwill, “that it’s the little things, like saying please and thank you, that make a big difference in the world.”

Idonki endala yavuya kakhulu yakubona uLungile. Ngokucothayo, umfama wayithoba intonga yakhe, waze wabukela lo gama uLungile esiya kuJackson ze afike amsebezela okuthile endlebeni. Ngoke nangoko idonki endala yashukuma, yema ngecnyawo. Umfama wayemangaliswe kakhulu ngulo mbono. “Utheni kwesi silwanyana sinenkani kangaka ukuze side sishukume, sikuyeke oku kongena kwaso kungaka?” wabuza utata. “UMama uthi,” kucacisa uLungile, “zizinto ezincinci, ezifana nokuthi ndiyacela nokuthi enkosi, ezenza umahluko omkhulu ehlabathini.”



Ngalo lonke eli xesha uSindiwe wayefunda.  
 Ukusebenza nzima kwakhe kwamvuzai  
 Waphumelela isimemo nenkxaso-mali  
 yokuya kufunda kwiidyunivesithi yaseNew  
 York. Yena nabantwana bakhe abancinane  
 abathathu bapakisha iibhagana zabo baze  
 babhamba ngenqwelonitaka, becacanda  
 ulwandle ukusonga eMerika.  
 Apho ke uSindiwe wafundela ukuba  
 ngunontlonthe. Wayefuna ukunceda  
 iintsapho ogho ukuba ziphile  
 ubomi obungcono.



All this time Sindiwe studied.  
 Her hard work paid off! She won a scholarship  
 to study at a university in New York. She and her  
 three small children packed their bags and flew  
 across the sea to the United States of America.  
 There Sindiwe studied to become a social worker.  
 She wanted to help families make their lives better.

We believe every child should  
 own a hundred books  
 by the age of five.

Become a book-sponsor and  
 help change the world.

Get involved at  
[bookdash.org](http://bookdash.org)



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment  
 campaign to spark children's potential through  
 storytelling and reading. For more information,  
 visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



It starts with a story...

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela  
 ukuzonwabisa nokuvuselela umdla  
 ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda.  
 Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe,  
 ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye  
 ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your  
 imagination


## Sindiwe and the fireflies

USindiwe kunye  
 neenkanyezi



Jano Strydom  
 Cheréne Pienaar  
 Tess Gadd

Wasishiya eso sikolo waza waya kusebenza njengomcozi. Wayesebenza kwimizi emine eyohlukileyo. Ngamanye amaxesha abanini nabanikazi bale mizi babemphatha gadalala, ze ingamonwabisi loo nto uSindiwe.



She left the school to work as a cleaner. She worked in four different houses. Sometimes the people there treated her badly and Sindiwe became very unhappy.

One day a very clever baby was born in Gungululu in the Eastern Cape. Her name was Sindiwe Magona. She was the oldest of eight children.



Ngenye imini kwazalwa usana olukrelekrele kakhulu kumhlaba wakuGungululu oseMpuma Koloni. Igama lolo sana yayinguSindiwe Magona. USindiwe wayengoyena mdala kubantwana abasibhozo bakowabo.

When she had finished studying, she worked in the USA for twenty years. While she was there, Sindiwe told the world about South Africa, and how hard it was for most people living here. People loved to listen to her stories, and wanted to learn more and more about South Africans. Everyone joined together to help to change things in South Africa. Akugqiba ukufunda, wasebenza kwaseMerika apho iminyaka engamashumi amabini. Ngethuba elapho, uSindiwe wabalisele ihlabathi malunga noMzantsi Afrika, nendlela ekwakunzima ngayo kuninzi lwabantu ababehlala apha.


Uthando lukaSindiwe lweencwadi kunye namabali lwamnceda ukuba abhale intlaninge yeencwadi. Kwaye abantwana nabantu abadala bayakuthanda ukufunda amabali akhe. Abantu abaninzi bambiza ngokuba “unguNomabali” kuba usoloko ebhala, okanye ebalisa okanye efunda amabali.







Abantu babethanda ukuphulaphula amabali akhe,  
kwaye babefuna ukufunda ngakumbi ngabemi  
boMzantsi Afrika.  
Wonke umntu wajoyina ekuncediseni ukutshintsha  
imeko yoMzantsi Afrika.




Sindiwe's love for books and stories have helped  
her write piles and piles of books. And children and  
grown-ups love to read her stories. Many people call  
her "Nomabali" because she's always writing, telling  
and reading stories.

Usindiwe waqeqeshelwa ukuba nguItitshala.  
Wayechulumance kakhulu kukuba nguItitshala kwisikolo  
sake sokugala awafundisa kuso. Kodwa kwakungekho  
zidesika zokuhlalisa abantwana nazincwadi zokuba  
babhale. Oku kwamoyikisa usindiwe. Uza kuba  
nguItitshala obalaseleyo kanjani xa abantwana  
bengenandawo yakuhlala nazinto zakubhala?



Sindiwe trained to be a teacher. She was very excited  
to teach at her first school. But there weren't any desks  
for the children or books for them to write in. This made  
Sindiwe feel scared. How could she be a good teacher  
when the children had nowhere to sit or write?

At night, her grandmother told magical stories  
about ogres and giants, animals of the forests,  
great beasts, and little creatures of the veld. It was  
Sindiwe's favourite time.



Ngokuhlwa, umakhulu wakhe wayembalisela  
amabali amnandi ngokumangalisayo malunga  
namagongqongqo kunye nezigebenga,  
izilwanyana zasehlathini, izilo ezikhulu ezoyikekayo,  
kunye nezilwanyana ezincinane zasethafeni. Eli  
yayilelona xesha wayelithanda uSindiwe.

Ukufikisa kwakhe uSindiwe, abazali bakhe bamenzela umsitho wokubhinyozela oku. Wanikwa izinto ezikhethekileyo zokunxiba saze isilumko sexhego sambonga senjenj:

*Iintsikelelo, ubomi obude!*

*Zanga izinyanya zakho zingakukhusela!*



When Sindiwe became a teenager, her family organised a feast to celebrate. She was given special things to wear and a wise old man sang a praise song to her:

*Blessings, long life!*

*May your ancestors guard you!*

Sindiwe loved school and she dreamed of being a teacher.

USindiwe wayesithanda kakhulu isikolo kwaye wayenephupha lokuba ngutiitshala ngenye imini.



But Sindiwe missed the country where she was born. She wanted to tell her stories to the people at home. So she packed her luggage, got on a plane and flew back over the sea to Cape Town.

Kodwa uSindiwe wayelikhumbula ilizwe awazalelwa kulo. Wayefuna ukubalisa amabali akhe kubantu bakowabo. Ngoko ke, wapakisha imithwalo yakhe, wakhwela inqwelomoya wabhabha phezulu kolwandle, ebuyela eKap.







Back at the farm, Beauty had supper waiting for them.

“But first,” said the farmer, “I have something to say to Jackson.” He turned to his old donkey, stroked him gently and whispered in his ear, “Thank you, Jackson.”



**K**wakukho umfama owayenenkosikazi ebizwa Ngokuba nguBuhle, nonyana onguLungile kwakunye nedonki endala egama linguJackson.

Ngentsasa nganye ngosuku lwemarike, umfama wayexhoma iitapile, iminqathe, umbona namathanga kumqolo owomeleleyo wedonki yakhe endala, ze ayiqhube yenyuke induli eya emarikeni. UJackson wayesithi chu ukunyuka loo nduli, engazange wakhalaza ngokungaphunyuzwa kwakhe.



Ashamed, the farmer dropped his stick. Not once had he ever thanked his old donkey for the many years of carrying loads to the market.

Quietly, they gathered up the vegetables and loaded some onto Jackson’s back, while some they carried themselves.

Umfama waphela ziintloni, waza wayiyekela intonga yakhe ukuba iwe. Wakhumbula ukuba akazange nakanye ayibulele idonki yakhe endala ngaloo minyaka mininzi yokumthwalela imithwalo yakhe eya emarikeneni. Ngokuthe cwaka, baqokela imifuno yonke, baza ke eminye bayithwalisa uJackson, baze eminye bayiphatha ngokwabo.



“Bad donkey!” shouted the farmer.

With that, Jackson sat down – and the vegetables fell from his back and rolled down the hill. Furious, the farmer began looking for a stick, to beat the stubborn animal.

“Uyidonki engevayo!” wamngxolisa ngomindo umfama.

Kuthe ke xa kulapho, wasuka wahlala phantsi uJackson – imifuno yaqengqeleka ukusuka kumqolo wakhe, yehla ngaloo nduli. Ngomlando, umfama walaqaza ekhangela intonga, ukuze abethe esi silwanyana sinenkani.

Umfama wazama ukumtsala nangaphambili uJackson. “Yizai Yizai!” ucenge ngelitshoyo, enexhala lokuba aphulukane nabathengi ukuba ufike emva kweexsha. Noxa kunjalo uJackson zange ashukume nakancinane. Usizana lwesilwanyana lwalusela ludikiwe ngulo msebenzi walo ungavuzelwayo, wokuthwala imithwalo enzima minyaka le, lunyuka le nduli lusiya emarikeneni.




The farmer tried pulling Jackson from the front. “Come! Come!” he pleaded, afraid that he might lose customers if he arrived too late at the market. Still Jackson would not budge. The poor animal had had enough of his thankless task, carrying heavy loads year after year uphill to the market.

Then, one morning, the old donkey decided to stop halfway and go no further. “What’s the matter?” asked the farmer. But as donkeys cannot talk, the farmer got no answer. Irritated, he began pushing from behind, saying, “Go! Go!” But Jackson would not go.



Kodwa kwathi ngenye intsasa, idonki endala yasuka yema endleleni, ayafuna ukuya phambili kwaphela. “Yintoni ngoku?” wabuza umfama. Kodwa kuba iidonki zingakwazi ukuthetha, umfama akazange afumane mpendulo. Umfama, evutha ngumsindo, waqalisa ukutyhala idonki ngasemva esithi, “Hamba! Hamba!” Kodwa uJackson akazange ahambe.



At the market, they laid out the potatoes, carrots, mealies and pumpkins under a shady tree, while the tired old donkey grazed nearby on a patch of grass. By the end of the day, all the vegetables had been sold and the farmer, his little boy, and his old donkey set off for home.

Emarikeneni apho, bazondlala iitapile zabo, iminqathe, umbona kunye namathanga phantsi komthunzi womthi, lo gama ixhego ledonki elidiniweyo lisitya ingca kude kufuphi nabo. Ekupheleni kosuku, yonke imifuno yayisele ithengwe yaphela, wathi ke umfama, inkwenkwana yakhe kunye nexhego ledonki yakhe benjenjeya ukusinga ekhaya.





## Your reading tips

Here are some of the tips that our readers have shared with us since we started in 2012!

- Show enthusiasm and passion when you are reading aloud ... it is important to have read the book and know what the book is about. I like to choose books that children can be a part of so that they can interact with the story. I also like to use expression and different voices. (Tracey Muir, Librarian)
- Let children choose their own books, as they are more likely to stay interested and engaged with a book they have chosen themselves than one that has been chosen for them. (Bafana Khumalo, founder of We are the Future Reading Club)
- Children copy their parents, so if they see their parents read it will spark their interest. Buy books to read aloud to them, make your own informal books ... you can even simply read the newspaper aloud! (Felicia Watson, teacher, reading activist and founder of Kannemeyer Primary School Reading Club. Felicia passed away in 2014.)
- Turn old socks into finger puppets with some googly eyes, craft paint and glue – perfect for using to tell stories. (Langa Vulindlela Reading Club)
- Don't only read from books; share stories with your children from your own life! (Marilyn Honikman, writer and publisher)



## Iingcebiso zakho zokufunda

Nazi ezinye zeengcebiso abafundi bethu abathe babelana nathi ngazo ukususela mhla saqala ngohlelo ngowama-2012!

- Bonakalisa uthakazelelo nothando xa ufunda ngokuvakalayo ... kubalulekile ukuba ube ubuyifundile incwadi kwaye uyayazi ukuba imalunga nantoni na. Ndiyakuthanda ukukhetha iincwadi abantwana abanokuba yinxalenye yazo ukuze abantwana bakwazi ukubandakanyeka nokunxibelelana nebali. Kananjalo ndiyakuthanda ukusebenzisa ulwimi olubonakalisa iimvakalelo nokuguquguquka ilizwi xa ndifundayo. (Tracey Muir, uSothala)
- Bavumele abantwana ukuba bakhetha iincwadi ngokwabo, njengoko kuxhaphakile ukuba bagcinakale besemdleni xa befunda incwadi abazikhethile ngokwabo kunaleyo bayikhethelweyo. (Bafana Khumalo, umseki weklabhu yokufunda ebizwa ngokuba yi-We are the Future Reading Club)
- Abantwana balinganisa abazali babo, ngoko ke ukuba bababona befunda abazali babo, umdla wabo uyakuvuselela nangakumbi. Thenga iincwadi zokubafundela ngokuvakalayo, wenze nezakho iincwadi ezingoozenzele ... mhlawumbi ungafunda ngokuvakalayo nephephandaba eli lembala! (Felicia Watson, utitshala, itshantliziyo lokufunda kunye nomseki weklabhu yokufunda iKannemeyer Primary School Reading Club. UFelicia wasweleka ngowama-2014.)
- Jika iikawusi ezindala zibe ziipapethi ezinamehlo agungquzayo nezifakwa eminweni, ipeyinti yobugcisa yokuhombisa kunye neglu – ezo zizinto ezigqibeleleyo ezinokusetyenziselwa ukubalisa amabali. (Langa Vulindlela Reading Club.)
- Musa ukufunda ezincwadini nje kuphela; yabelana nabantwana bakho ngamabali obomi bakho bokwenene! (Marilyn Honikman, umbhali kunye nompapashi)

## ARE YOU SOUTH AFRICA'S FIRST STORY BOSSO?

Enter our multilingual storytelling competition for the chance to win R15 000 worth of prizes and the chance to enjoy a story with a South African celebrity!


At Nal'ibali, we believe that anyone can share a story. Any time. Anywhere. That's why this September, we are calling on everyone in the country – parents, children, teachers, librarians, families and reading clubs – to share their favourite stories with us and so stand a chance of being crowned South Africa's very first Story Bosso.

### How to get involved?

Simply record a video or audio clip of yourself, your child, your family, your class or reading club reading or telling a story. Whether it's a bedtime story, a made-up story, the retelling of a story you know, or one of our specially-selected stories on our website, we want to hear YOUR version – and in YOUR preferred languages.

### Where to enter?

Visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) for full competition details, ideas on how to tell or read a story, sample stories you can download and venues where you can go to record your story if you need help with this.



Enter now!  
You only have until  
30 September 2015  
to send in your story!



Ngenela ngokul Unethuba nje elincinane lokuthumela ibali lakho de kube ngumhla wama-30 kweyoMsintsi wama-2015!

## INGABA UNGUSTORY BOSSO WOKUQALA EMZANTSI AFRIKA?

Ngenela ukhuphiswano lwethu lokubalisa amabali abaliswa ngeelwimi ezininzi ukuze ube sethubeni lokuphumelela amabhaso axabisa ngaphaya kwe-R15 000 kwakunye nethuba lokonwabela ibali kunye nosaziwayo waseMzantsi Afrika!


KwaNal'ibali sikholelwa ukuba nabani na angakwazi ukwabelana ngebali nabanye abantu. Nangaliphi na ixesha. Nakuyiphi na indawo. Yiyo loo nto ke kule nyanga yoMsintsi, sihlaba ikhwelo kuye wonke ubani okweli lizwe – abazali, abantwana, ootitshala, oosothala, iintsapho kunye neeklabhu zokufunda – ukuba abelane nathi ngawona mabali awathandayo ukuze abe sethubeni lokuthweswa njengoStory Bosso wokuqala eMzantsi Afrika.

### Ungazibandakanya njani?

Kulula, shicilela nje ividiyo okanye isicatshulwa somlomo esisesakho, esomntwana wakho, esosapho lwakho, eseklasi yakho okanye eseklabhu yokufunda yakho, nifunda okanye nibalisa ibali. Nokuba libali elibaliswa phambi kokulala, libali eleqweyiwewo, kukubaliswa kwakhona kwebali olaziyo, okanye lelinye lamabali ethu akhethekileyo nakwiwebhusayithi yethu, sifuna ukuva EYAKHO indlela olibalisa ngayo ibali – kwaye usebenzisa ulwimi LWAKHO oluthandayo xa ubalisa.

### Kungenelwa phi?

Ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) ukuze ufumane iinkcukacha ezizeleyo ngokhuphiswano, iingcebiso ezingendlela yokubalisa nokufunda ibali, imizekelo yamabali onokuwakopa kunye neendawo onokuya kushicilela kuzo ibali lakho xa ufuna uncedo malunga noko.




# A bowl of phutu

Retold by Wendy Hartmann



Illustrations by Alzette Prins



There was once a boy who had no family and no place to stay, so the people in the nearby village named him Molahlehi, which means "the lost one". The boy did not mind the name they gave him because he was sure that one day he would have a home and a family.

Every day Molahlehi went down to the river to catch fish so that he would have something to eat. Some days he sat for hours hoping to feel a pull at the end of his line. Some days he caught nothing. Then, he would look for fruits and berries to eat. If he found nothing, then he went to sleep hungry.

One day as he sat hoping to catch a fish for dinner, a few women came down to the river to wash their clothes. They looked across to where he sat.

"Look at that boy," said one woman. "He is almost as thin as the stick he has in his hand." She walked over to Molahlehi and sat down next to him.

"You look hungry," she said. "Please eat this bowl of phutu."

Molahlehi was very happy to get the food. "Thank you," he said.



After that day, whenever this woman came down to do her washing and saw Molahlehi, she went over to him and gave him a bowl of phutu.

"Thank you," said Molahlehi. "One day I will find a way to pay you back for your kindness."

The day came when Molahlehi was a young man. He knew that now he was strong enough and old enough to search for his own home. Now, at last, it was time to leave this place and find a home. The only person he spoke to before he left, was the woman who had always given him food.

He said goodbye and again he said, "I promise that one day I will pay you back for being so kind to me."

Molahlehi packed what little he had in his bag and took the long spear he had made for himself. Then he walked along the path that took him into the African bush.

It took many months of walking as Molahlehi searched for a place that he could call home. He walked for many, many months until the day came when he thought he would never find a place. He

was tired and hungry, but then he saw a group of men sitting in the shade of a big tree. The men greeted him and were friendly. Molahlehi greeted them and smiled. As he was about to leave, one of the men stopped him.

"Wait! What is your name?" the man asked.

"I do not know," he answered. "People call me Molahlehi, the lost one."

"Come back to our village with us," the man said. "You look like you need some good food and a place to rest."

Molahlehi went with the men and everyone welcomed him into the village. Molahlehi knew that in this village he would at last have a home and friends. He worked hard. He helped everyone who needed help. He was kind and always had a good word to say. Everyone in the village loved him and so did the old king who had no sons. When the old king died, all the villagers begged Molahlehi to become their king. There was a great feast and the villagers gave their king a new name, King Lebohanga, which means "be thankful".

The first thing King Lebohanga did, was to send out a group of men to search for the woman who had been so kind to him when he was a boy. When the men returned, they brought an old woman with them. She was afraid and knelt before the king shaking. The king recognised her immediately. He stood up and walked towards her. Then, King Lebohanga, knelt and held out a bowl. He gave it to the woman.

The old woman took the bowl and was shocked to see that it was full of gold. She looked up at the king.

"Molahlehi," she whispered.



"Yes," said the king. "I promised you that I would pay you back someday. Everyone should remember a promise and everyone should be thankful when someone is kind to them."



Drive your  
imagination



Kwakukho inkwenkwe eyayiyinkedama kwaye ingenayo nendawo yokuhlala, kuloko ke abantu belali ekufutshane abamthiya igama lokuba nguMolahlehi, gama elo lithetha “umntu olahlekileyo”. Le nkwenkwe yayingalikhathalelanga eli gama yayithiywe lona kuba yayiqinisekile ukuba ngenye imini iyakuze ibenalo ikhaya kunye nosapho.

Yonke imihla uMolahlehi wayesiya kuloba iintlanzi emlanjeni ukuze abenento yokutya. Ngezinye imini wayehlala iiyure ezininzi enethemba lokuba kuza kude kubekho intlanzi etsala loo lobi yakhe. Ngezinye imini ebengabambisi kwanto. Ze ke xa kunjalo, akhangele iziqhamo kunye namaqunube ukuze atye. Xa engafumananga nto wayelala elambile.

Ngenye imini, lo gama wayehleli, enethemba lokubambisa intlanzi yesidlo sangokuhlwa, kwafika abafazi abambalwa apho emlanjeni, beze kuhlamba iimpahla zabo. Bajonga kweli cala wayehleli kulo.

“Khawujonge laa nkwenkwe,” kwatsho omnye waba bafazi. “Ubhitye ngathi loluya luthi alubambe ngesiya sandla sakhe.” Wahamba waya kuMolahlehi lo mfazi, wafika wahlala ecaleni kwakhe.

“Ukhangeleka ulambile,” watsho lo mfazi. “Nasi isitya somphokoqo, ungatya.”

UMolahlehi wavuyiswa kakhulu kukufumana ukutya. “Enkosi,” watsho.



Emva kwaloo mini, nanini na xa lo mfazi esiya kuhlamba iimpahla zakhe emlanjeni, aze abone uMolahlehi, wayesiya kuye aze amnike isitya somphokoqo.

“Enkosi kakhulu,” watsho uMolahlehi. “Ngenye imini ndiya kuze ndiyifumane indlela endinokukhulawula ngayo ngobu bubele bakho.”

Lwafika usuku lokungena ebudodeni kuMolahlehi. Ngoku wayesazi ukuba womelele ngokwaneleyo kwaye mdala ngokwaneleyo ukuba angazikhangelela ikhaya elilelakhe ngokwakhe. Ngoku, ekugqibeleni, kude kwafika ixesha lokuba ayishiye loo ndawo azikhangelele ikhaya elilelakhe. Mnye kuphela umntu awathetha naye phambi kokuba ahambe, yayinguloo mfazi wayesoloko emphathela ukutya.

Wathi ndlelantle kulo mfazi waze waphinda wathi, “Ndiyathembisa ukuba ngenye imini ndiya kuze ndiyifumane indlela endinokukhulawula ngayo ngokundenzela ububele obungaka.”

UMolahlehi wapakisha oko kuncinane wayenako engxoweni yakhe, waze wathatha umkhonto wakhe omde awayezenzele wona. Emva koko wahamba ngendledlana eyamngenisa ematyholweni nakumahlathi amnyama ase-Afrika.

Kwaqengqeleka iinyanga ezininzi uMolahlehi ehamba-hamba njengokuba wayekhangele indawo anokuyibiza njengekhaya lakhe. Wahamba iinyanga ezininzi kakhulu, kwade kwafika usuku apho wacinga ukuba akasoze ade ayifumane indawo enokuba likhaya kuye. Wayediniwe kwaye elambile, ngethuba abona ngalo iqela lamadoda lihleli emthunzini womthi omkhulu. Loo madoda ambulisa kwaye abonakalisa ububele ngakuye.

Naye uMolahlehi wawabulisa waze wawancumela. Wathi xa eza kuqhubeka nohambo, enye kuloo madoda yamqanda.

“Yima! Ungubani igama lakho?” yabuza loo ndoda.

“Andilazi,” waphendula. “Abantu bathi ndinguMolahlehi, umntu olahlekileyo.”

“Hamba nathi uye elalini yethu,” yatsho le ndoda. “Ukhangeleka ngathi ufuna ukutya okumnandi kunye nendawo yokuphumla.”

UMolahlehi wahamba naloo madoda waza wonke ubani wamamkela ngezandla ezishushu kuloo lali. UMolahlehi wayesazi ukuba kule lali, ekugqibeleni, wayeza kuba nekhaya kunye nabahlobo. Wasebenza ngokuzimisela okukhulu. Wayenceda nabani na ofuna uncendo. Wayesoloko enobubele kuye wonke umntu kwaye wayesoloko enento emnandi ayithethayo emntwini. Ngolo hlobo ke waba yintandane yomntu wonke elalini, ngokunjalo wathandwa nangukumkani omdala walapho, owayengenanyana yena. Wathi akusweleka ukumkani, bonke abahlali belali leyo bamcenga uMolahlehi ukuba abe ngukumkani wabo. Wathi akuvuma, kwabanjwa umsiho omkhulu kakhulu, baze abahlali belali leyo bathiya ukumkani wabo omntsha igama elitsha lokuba nguKumkani Lebohang, othetha “ukuba nombulelo”.

Into yokuqala uKumkani uLebohang awayenzayo, kukuthuma igqiza lamadoda ukuba liye kukhangele laa mfazi wayemenzela ububele ngethuba eseyinkwenkwe. Ekubuyeni kwawo loo madoda, ayehamba nexhegwazana. Eli xhegwazana lalisoyika kangangokuba laguqa phambi kokumkani lingangcazela. Ukumkani walinakana ngoko nangoko. Waphakama waya kulo. Emva koko ke, uKumkani uLebohang, waguqa phambi kwalo ephethe isitya. Wasinika eloo xhegwazana eso sitya.

Ixhegokazi elo lasithatha isitya laze lothuka kakhulu lakubona ukuba eso sitya sizele yigolide. Ixhegwazana lawaphakamisa amehlo alo, lajonga kukumkani.


“Molahlehi,” lasebeza njalo.



“Kunjalo,” watsho ukumkani. “Ndandikuthembisile ukuba ndiya kuze ndikuhlawule ngenye imini. Wonke umntu kufuneka asikhumbule isithembiso sakhe kwaye wonke umntu kufuneka abe nombulelo xa omnye umntu emenzele ububele.”

## Nal'ibali fun

To celebrate 100 editions of the Nal'ibali supplement, cut out the picture below and then colour it in. In the frame around the picture, write the words that you think of when you think about reading.



Write down 8 words you think of when you hear the word "Nal'ibali". Make sure that each word you write down has one of the letters from the word "Nal'ibali" in it. Write this letter in a different colour to the rest of the word.

---

---

---

---

---

---

---

---



Bhala phantsi amagama asi-8 ocinga ngawo xa usiva igama elithi "Nal'ibali". Qinisekisa ukuba igama ngalinye olibhala phantsi liqala ngonobumba ngamnye ophuma kwigama elithi, "Nal'ibali". Bhala loo nobumba ngombala owohlukileyo kwabanye oonobumba begama elo.

---

---

---

---

---

---

---

---

### We'd love to hear from you...

What were your favourite cut-out-and-keep books from the first 100 editions of Nal'ibali? Go to the "Featured books" section of the Nal'ibali website (<http://nalibali.org/book-box/featured-books/>) to remind yourself of the stories that were in the supplements. Then email us the titles of the books that you enjoyed the most ([info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)) or write these titles on our Facebook page ([www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)).

You can also download copies of all our past editions in our "Resources" section (<http://nalibali.org/resources/nalibali-supplements/>).



Visit our mobisite:  
[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

Ndwendwela imobhisayithi  
yethu ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



### Singathanda ukuva kuwe...

Zeziphi iincwadana onokuzisika-ze-uzigcine ozithande kakhulu kwiintlelo ezili-100 zokuqala zikaNal'ibali? Yiya kwicandelo elisihloko sithi "Featured books" kwiwebhusayithi kaNal'ibali (<http://nalibali.org/book-box/featured-books/>) ukuze uzikhumbuze ngamabali apapashwe ezintlelweni xa zizonke. Emva koko ke sithumelele i-imeyili enezihloko zezona ncwadi uzonwabeleyo ([info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)) okanye uzibhale ezo zihloko kwikhasi lethu lika-Facebook ([www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)).

Kananjalo ungazikopela ezakho iikopi zazo zonke iintlelo ezidlulileyo kwicandelo lethu elisihloko sithi "Resources" (<http://nalibali.org/resources/nalibali-supplements/>).

Supplement produced by The Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translated by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

SundayWorld



Drive your  
imagination